

INTANDO KA CARINA

IBALI LASE BOLANDI

Uyenzele
ntoni lonto?



INKXALABO YOMFAZANA NGEKAMVA LOSANA LWAKHE
LUMBANGELA OKOKUBA ATHATHE ISIGQIBO ESIKHUTHAZAYO

USAPHO LWAKWA KLEYNHANS

Usapho lwakwa Kleynhans luhlala kwidolophana encinci yase Bolandi. Utata, uVernon (44), ebesebenza njengomphathi kwinkampani evelisa iziqhamo, kodwa waze wadendwa.

Umama, uVanessa (42) yena wenza umsebenzi wokuvolontiya kwesinye zezikolo zabaqalayo apha eBolandini.

UCarina (22), unomntwana oneshumi elinesibhozo lenyanga obizwa ngokuba ngu Venetia, kodwa wonke umntu umbiza njengo Cookie. Utata ka Cookie akasafumaneki ndawo.

UTrevor (14), owaziwa njengo Tupac, ufunda kwibakala le tokodwa ufumana iingxaki zengqeqesho esikolweni. Uzibandakanye neqela labafanyana abakhetha ukudonga isikolo baze bahlale bamamele umculo we rephi baze bangene kwizinto ezingalunganga mvanje, uTupac ukhulelwa lukhohlokhohlo olubi olungapheliyo.



Carina & Cookie Tupac Vanessa Vernon

KUNGOKUBA KUTHENI SISENZA LE KHOMIKHI?



ITB yingxaki enkulu kwilizwe jikelele, ingakumbi kubahlali balapha eBolandini. Njengezinye iindawo zabahlali elizweni jikelele, iBolandini ithatha inxaxheba kwizifundo ngokufumana ichiza elitsha le TB elizakuthi likhusele abantu ekufumaneni iTB.

Abaphandi bafuna inxaso yabahlali. Abahlali bethu kufuneka bekuqondile ukuba luyintoni na olu phando. Kufuneka uthathe inxaxheba ngoku khululekileyo, phantsi kokuluqonda nangokuqonda ngokupheleleyo ukuba kuzakwenza ntoni kuwe xa uthatha inxaxheba kwizifundo nangamlungelo akho.

Luxanduva lwethu njengabaphandi ukuqinisekisa ukuba unolwazi ngokuqhubekayo. Oku kuquka uthetha thethwano ngeendlela ezininzi, ingakumbi nge Qumrhu lwe Bhodi yabahlali ecebiso, ngoonomathotholo, kwakunye nangamaphepha - ndaba nangemathiriyeli efundwayo efana nalekhomikhi.

Le khomikhi ijolise ekubeni inikeze ngolwazi ngendlela eyonwabisayo nangendlela eqondakalayo. Ngale khomikhi sifuna ukuxhobisa abathathi nxaxheba bethu kwakunye nabahlali malunga nophando lwechiza le TB. Iqulunqwe nge siAfrikansi, ngesiXhosa nangeSingesini.

Ukuba ngaba ufuna ukuhlomla ngale khomikhi, nceda utsalele kule nombolo: 023 346 5400 okanye uimeyilele uLinda Rhoda kule imeyili: linda.rhoda@uct.ac.za

ISINIKEZELO

Ngaphandle kwenaso yase Bolandini, uphando lwethu lwechiza leTB ngelungaphumelelanga.

Le khomikhi sisinikezelo kuyo wonke ubani onceda iSATVI ekufumaneni ichiza elitsha le TB- abahlali bethu, iqumrhu lethu labahlali elicebisayo, esibambisene nabo apha naphesheya kolwandle, abo Bantu babalulekileyo abantu abathatha inxaxheba koluphando.

SINQWENELA UKUBULELA ABO BATHE BALUNCEDO EKWENZENI LE KHOMIKHI

- Ibhodi yabahlali ecebiso yakwa SATVI
- Abafundi beqonga kwakunye nootitshala base Worcester Senior Secondary School
- Oomama kwizifundo zethu malunga neentsana
- Abantu esisebenza nabo kwa SATVI
- The Global Partnership to Stop TB, inkxaso yezimali fori le khomikhi

NGOBUNYE UBUSUKU
EBOLANDI

KHOHLO

KHOHLO

KHOHLO








NGEMINI ELANDELAYO...





Usana oluhle kangaka.







SIQALA NJE NGABANTU ABAMBALWA. NGESIGABA NGASINYE SOPHANDO, IQELA LIYANDA.

AMANQANABA OPHANDO		
INQANABA LOKU 1	INQANABA LESI 2	INQANABA LESI 3
IQELA ELINCINCI ELINABANTU ABAFIKELELA KUMA 20	AMAQELA AMAKHULU ELINABANTU ABANGAMA 60 UKUYA KWABA LI 1000	AMAWAKA ABANTU ABATHATHA INXAXHEBA



EMVA KWEENYANGA EZISIXHENXE ... NGUMBHIYOZO WOMHLA WOKUZALWA KA COOKIE. UGQIBA UNYAKA. ABAHLOBÓ NOSAPHO BADIBENE KWISIDLO SASEMINI ESIYI BRAYI.



U CARINA UTHETHA NEQELA LEZIHLOBO

...Ndibhalise u Cookie kuphando lwechiza elitsha lakwa e SATVI.



Uyenzele ntoni lonto?

Ngokuba ndive iyinto elungileyo endinokuyenza.



Andibathembi ababaphandi bobugqi!



Kambe ndive ukuba lama chiza asulela abantu nge TB!

Akuyonyani oko.



Ichiza alinantsholongwane iphilayo kulo. Ngoko akukho ndlela yokuba u Cookie angafumana I TB kwichiza.

He! Yilonto bayitshoyo ababaphandi bobu gqi.



Kanye kanye baphezu kwantoni?



Bathatha igazi lika Cookie, abalithathi ke?

Ewe, kodwa benzela ukubona ukuba ingaba ichiza liwonyusile amandla omzimba kwi TB.



Ndiyavumelana no Lynton. Le nto ibiqhubeka iminyaka. Kodwa nangoku akukabkho chiza. Kwenzeka ntoni?

TATA!



Sinelungelo lokwazi.







ISIPHELO

IBI YINTONI KANENE LEYO?

Ngo
CARINA & TUPAC




IPHAZILI YAMAGAMA KA TUPAC

Eyehlayo (down)

- Chaza uphawu lweTB olwenzeka ebusuku.
- Uphando lwamachiza lwenziwa ngokwamabakala ukuqinisekisa ukuba ichiza likhuselekile kwaye liya—
- Abaphandi bobugqi bathatha inkathalo ukuqinisekisa ukuba uvavanyo lwamachiza lu--.
- Abathatha inxaxheba kuvavanyo lwamachiza banelungelo lokuxelelwa ngee----- ezikhoyo.
- Uphando lwenziwa ngokwa-----.
- UTupac wanikwa iipilisi ezikhethekileyo uku----- i-inifektshini yakhe yesifuba.
- Yintoni ayithanda kakhulu uCookie kumama wakhe?
- Kufuneka enze ntoni uTupac ngokutshaya?

Ekhrosayo (across)

- Abathatha inxaxheba kufuneka bexelelwe ukuba ikhona----- na.
- Ichiza lomeleza amandla omzimba ekulweni-----.
- Ngowuphi umbutho owenza uphando ngechiza lweTB?
- Yeyikabani le phazili yamagama?
- Uphando lwenziwa ngovavanyo lwama-----.
- Abathatha inxaxheba kuvavanyo lwamachiza banelungelo loku---- nangaliphina ixesha



EYEHLAYO(i) ukubila, (2) sebenza (3) khuselekile, (4) iingozi, (5) mabakala, (6) nyanga, (7) ukuphuzwa, (8) makayeki, EKHROSAYO: (4) intlawulo, (9) imisholongwane, (10) SATVI, (11) Tupac, (12) chiza, (13) yeka

UMQULU WAMALUNGelo ABANTU ABATHATHA INXAXHEBA KUPHANDO

Njengothatha inxaxheba kwizifundo zo phando unelungelo:

1. Lokubanexesha elaneleyo lokwenza isigqibo sokuba uyafuna na ukuthatha inxaxheba kwaye oko ukwenza ngaphandle kwesinyanzelo sabantu abaqhuba uphando.
2. Ukwala ukuba yingxeny yophando nokuyeka ukuthatha inxaxheba nangaliphi na ixesha ofuna ngalo emveni kokuba uqalile.
3. Lokuxelelwa ukuba uphando lungantoni, kwaye yintoni eza kwenzeka kuwe, yintoni ozokucelwa ukuba uyenze xa uyingxeny yophando.
4. Uxelelwe nangexaki ozakuthi uhlangabezane nazo ngexesha lo phando.
5. Uxelelwe nangozakukuxhamla xa uthatha inxaxheba.
6. Uxelelwe ngentlawulo ukuba ikhona nangeendleko eziyakuthi zibekhona ngexesha lo phando.
7. Uxelelwe nangabantu abazakuthi bakwazi ukufumana ulwazi ngawe nokuba iimfihlelo zakho zikhuseleke kangakanani na.
8. Uxelelwe nokuba ngubani onokuqhagamshelana naye xa unokuthi ubenemibuzo ngophando, nangengozi ezezinxulumene nophando, namalungelo akho njengothatha inxaxheba.
9. Ufumane uxwebhu apho utyikitye imvume yakho yokuthatha inxaxheba ku phando.

UKUBA UPHANDO LUBANDAKANYA UNYANGO:

10. Uxelelwe ngezinye izigqibo onokuthi uzithathe xa ungafuni ukubandakanywa kuphando lonyango.
11. Uxelelwe ukuba lufumaneka phi unyango xa unokuthi ufumane ingozi enxulumene nophando, kwaye wazi nokuba ngubani ozakuhlulula indleko zonyango.

INKCAZO MAGAMA

UVAVANYO LWAMACHIZA - Xa ichiza liqalwe livavanywe ebantwini. Oku kwenzelwa ukubona ukuba ingaba ichiza likhuselekile na kuqala, kwaye kubonwe ukuba liza kusebenza ukukhusela okanye ukunyanga isigulo okanye isifo.

ICHIZA- Isitofi esenziwe ngenxeny ezolileyo yentsholongwane, amaxesha amaninzi sihlatywa emzimbeni

AMALUNGU OMZIMBA ASEBENZISANAYO EKULWENI IZIFO- Amalungu omzimba asebenza kunye ekulweni i-infektshini okanye isifo.

AMANDLA OMZIMBA- Amandla asetyenziswa ngumzimba ekulweni i-infektshini okanye isifo. UKUVOLONTIYA/ UKUTHATHA INXAXHEBA KWISIFUNDO- Ukungenela ngokukhululekileyo, ngokuthanda kwakho. UKUBHALISA ESIFUNDWENI - Ukunika imvume ebhaliweyo ekuthatheni inxaxheba kwisifundo.

IBHODI EJONGENE NEENGCEBISO KUBAHLALI



Ibhodi ejongene neengcebiso kubahlali iquka abantu abavela ekuhlaleni ukuze bamele umdla wabahlali kuphando lwamachiza. Ukufumana incazelo ethe vetshe malunga ne SATVI CAB, qhagamshelana neSATVI kule nombolo: 023 346 5400.



Isasazwe ngabakwa South African Tuberculosis Vaccine Initiative (SATVI), 2010.
www.satvi.uct.ac.za

Umbhalo nomsebenzi Wezobugcisa:
Andy Mason - artworks@iafrica.com

Ikhava yezobugcisa: Pete Woodbridge

Ubume bokubhala: Ashleigh Fisher

Ukusebenzisana: Lieve Vanleeuw

Inguqulelo magama ngu Weziwe Buti

Iveliswe ngabakwa Words & Images,
Cape Town, South Africa
www.wordsandimages.co.za